Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

Iphondo leMpuma Kapa: Isebe leMfundo
Provinsie van die Oos Kaap: Department van Onderwys
Porafensie Ya Kapa Botjahabela: Lefapha la Thuto

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

# IBANGA 12

# SEPTEMBA 2024

# ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)
# IPHEPHA LOKUQALA (P1)

**AMANQAKU:** **80**

**IXESHA:** **2 liyure**

Olu viwo lunamaphepha ali-14.

Hosted by www.ecexams.co.za.

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU angala:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Uvavanyo lokuqonda | (30) |
| ICANDELO B: | Ushwankathelo (10) | (10) |
| ICANDELO C: | Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi | (40) |

2. Phendula YONKE imibuzo.

3. Bhala iCANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

4. Krwela umgca ekupheleni kweCANDELO NGALINYE.

5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

6. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.

7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

8. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

   ICANDELO A: Imizuzu engama-50
   ICANDELO B: Imizuzu engama-20
   ICANDELO C: Imizuzu engama-50

9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.



Hosted by www.ecexams.co.za.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

## UMBUZO 1

## ISICATSHULWA A

1.1 Fundisisa esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

### UTHANDO NEMALI

1 UDaniswa wayeshiyekelwe ziinyanga ezintandathu kuphela kweso sikolo samabanga aphakamileyo ezemfundo esasikwidolophu yaseMonti phambi kokuba afumane umhlalaphantsi wakhe. Wayeza kuba efinca amashimi amathandathu eminyaka. Wazixelela ukuba uya kuwafaka amaphepha wakhe xa kushiyeke iinyanga ezintathu ukuze athi ehlala phantsi ibe yonke imigaqo yendlela elandelwayo igqityiwe angasokoli ukufumana iimali zakhe. Ngalo lonke eli lixa unomhlobokazi wakhe uPhumla ababephangela kunye kweso sikolo. Babesoloko bebonwa bekunye yayingamaphuth'ahlath'inye achubelana ngazo zonke izinto ezidla bona kunye nomsebenzi. Eyona nto yenza baqina ubuhlobo babo kukuba baqeshwa ngonyaka omnye kodwa ke bengezizo iintanga.

2 Wothuka wabanda uPhumla xa wayefowunelwa ngumfana owathi ungubhuti omncinci kaDaniswa owavela wambuza izinto ezininzi malunga nolwazi lokuqhawula ingqesho yakhe. Wambuza ukuba 'yimalini aza kuyifumana, ingena nini, ingena kweyiphi ibhanki, zithini izicwangciso zakhe'. Wacinga ukuba kudala ekrokra ukuba lukho utshintsho olubonakalayo kwisimo somhlokazi wakhe akanguye laa Daniswa amaziyo. Oku kusukela mhla wadibana nomfo owayekhangeleke emncinci kuye ngeminyaka nosuka kwilizwe langaphandle nekwacaca ukuba uthiwe swii luthando lwalo mfana. Indlu awayehlala kuyo uDaniswa kwenye yezo zithili ezihlala izinhanha kuphela waye sele eyigqibile ukuyibhatala. Imali yakhe yomhlalaphantsi yayizakujongana nempilo yakhe afane atefise abazukulwana bakhe mhla bemndwendwele ngeeholide zesikolo kuba unyana wakhe wayesele eziphangelela.

3 Wayebunqaba kumhlobokazi wakhe malunga neencoko **ezidla** bona okokoko wadibana nalo mfana. Wayembona ukuba uthabathekile nguye kananjalo uyamthanda kuba kwakumzuzu engathandani ngenxa yokudinwa kukuphoxeka ngamadoda asele edibene nawo. Wayemhle uDaniswa, into emzimba utukutuku, amehlo amakhulu agqunywe yiloo misebe mide imnyama. Wawungafunga uthi uzinyusele iminyaka xa umjongile kuba inkangeleko yayingahlangani neminyaka yakhe.



Hosted by www.ecexams.co.za.

4 Wagqibela ukumbalisela ngalo mfana mhla esithi wafika kwindlu yakhe weva ngevumba elimnandi esangenisa nje imoto egaraji. Kwakucaca ukuba unkabi uphekile wathi esangena nje kumnyango osuka egaraji osingisa kwigumbi lokuphumla wabona ngamakhandlela avuthayo neentyatyambo ezibomvu. Wathi asamangalisiwe wegqi umfana enxibe ifaskoti kuphela phezu kwaloo mzimba uze umenyezela kulusu olumnyama tshu okwentsikizi. Wavela wamthi funqu emjingisa phezulu ebonakalisa uthando lwakhe umfana. Yonke ke loo nto wayithutha uDaniswa wayokuyibalisela umhlobokazi wakhe owavela waphendula ngokuthi “Andinamona qha ndifuna uqaphele kakuhle ungaziboni usisisulu salo mfana, khawuzibuze umbuzo othi ziphi iintanga zakhe ufuna ntoni kwixhegwazana elifana nawe. Waphendula ngeliphoxayo uDaniswa ngelithi nguwe wedwa ondibona njengexhegwazana yena ubona intyantyambo.

5 Umfana akaphozisanga maseko uzame ukujija ingqondo kaDaniswa ngelithi makathathe yonke imali yakhe kuRhulumente kuba uyisebenzele nzima angashiyi nepeni kuba kuzakufuneka bevule ishishini eGqeberha. Lo mfana wafika ngenj’ixukuxa kwaDaniswa ephethe isutikheyisi emyalela ukuba angaze ayivule de kufike imali yakhe yakwaRhulumente. Ukungena komfana kwaDaniswa kwabangela ukuba umhlobokazi kaDaniswa angaze amfumane kuba qho abekho bahla besenyuka kutyiwa imali. Kwacaca mhlophe nakumhlobokazi ukuba ngenyani imali ingenile kuba kwakuvakala ukuba esi sibini sibonwa mihla le edolophini nakwindawo zolonwabo. Zange kube kudala wanomdla uDaniswa ukuba makuvulwe isutikheyisi. Wanikwa imiqathango ngumfana esithi xa siza kuyivula kuza kufuneka ube uyifakile imali engangesiqingatha semiliyoni ebhankini. Nalapho uDaniswa akalibazisa wawa efowunini yakhe watransfera imali. Eneneni imali yayingeyongxaki kuDaniswa wayifaka kwangoko. Yavulwa ke itasi leyo wayihleka waqikileka esithi ubonwa yintoni imali engaka phezu kwale anayo.

6 Ngalo lonke eli xesha uPhumla engamfumani uDaniswa uzamana nabantu bakuloDaniswa kuba evile ukuba uthandana nomgulukudu yaye akabonakali tu. Iishorensi ezininzi zifowunela uPhumla azimfumani uDaniswa kuba watshintsha inombolo yeselula. Wabona sekugaleleka amapolisa agqogqa indlu. Kwafunyanwa imali yomgunyathi wabanjwa ngoko nangoko umfana wasala ethe nkamalala uDaniswa isigidi semali yakhe simkile umfana esithumelele intombi athandana nayo kwilizwe lakhe. Wayefunde isifundo ebudaleni bakhe ahlale atyise imali yakhe ngotsotsi. **Imali nothando azikwazi kudibana tu enye iya kusoloko isodlula enye azisoze zibe ngumonwabisi womntu zombini ngaxeshanye.**

[Sicatshulwe kwincwadi, Zatshintsh’Izinto; nguNomthandazo Mbena-Bilatyi; iphepha 71–73 saze sahlelwa]



Hosted by www.ecexams.co.za.

**Jonga kumhlathi wokuqala.**

1.1.1 Ngubani lo uza kufumana umhlalaphantsi? (1)

1.1.2 Caphula ibinzana elichaza ukuba eli bali liqhubeka eMpuma Kapa. (1)

1.1.3 Chaza isizathu sokuba lo umchaze ku1.1.1 afake amaphepha emsebenzini wakhe xa kushiyeke iinyanga ezintathu. (2)

1.1.4 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo: Umsebenzi wesimamva esibhalwe ngqindilili 'wayengumhlobo**kazi**' uchaza:

A ubukhali
B ubukhomokazi
C ubukhulu
D ubudoda (1)

**Jonga kumhlathi wesibini.**

1.1.5 Dwelisa zibe MBINI izinto ezabuzwa ngulo mfana ezamenza wothuka kakhulu uPhumla. (2)

1.1.6 Uthetha ukuthini umbhali xa esithi 'umfo welizwe langaphandle'? (1)

1.1.7 Cacisa ukuhambelana kwegama 'umhlalaphantsi' nomxholo wesi sicatshulwa. (2)

1.1.8 Sebenzisa eli gama '**ezidla**' linike enye intsingiselo engeyiyo le ikwisicatshulwa. (1)

1.1.9 Ngqina ukuba uDaniswa wayengaqali ukuthandana ngokwalo mhlathi. (2)

**Jonga kumhlathi wesihlanu**.

1.1.10 Bhala umzekelo ongumqondiso wothando oluvuthayo olubonisiwe ngulo mfana kuDaniswa. (1)

1.1.11 Ingaba impendulo kaPhumla kumhlobokazi wakhe iyamxhasa okanye iyamchasa? Xhasa impendulo yakho. (2)

**Jonga kumhlathi wesihlanu**.

1.1.12 Caphula ibinzana elithetha into enye neli libhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi silandelayo. 'Lo mfana **wayitshay' isaqhuma'**. (1)

1.1.13 Nika icebo elaveliswa ngulo mfana ukwenza uDainswa anqabe. (1)



Hosted by www.ecexams.co.za.

**Jonga kumhlathi wesithandathu**.

1.1.14 Tolika okuthethwa sesi sivakalisi silandelayo.

Wabona sekugaleleka amapolisa agqogqa indlu. (2)

1.1.15 Nika umyalezo wombhali oziswa sesi sivakalisi sibhalwe ngqindilili kulo mhlathi. (2)

**Jonga kwitekisi yonke.**

1.1.16 Chaza injongo yombhali ngale tekisi. (2)



Hosted by www.ecexams.co.za.

1.2 Funda lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**



[Ithatyathwe ku-dreamstime.com]

1.2.1 Kuqhubeka ntoni kulo mfanekiso? (2)

1.2.2 Imbonakalo yesenzo somntwana ityhila ntoni ngaye? (2)

1.2.3 Ucinga ukuba kutheni umzobi esebenzise umntwana nemali ezinkozo ukubonakalisa ukolondolozwa kwemali. Xhasa impendulo yakho. (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**



Hosted by www.ecexams.co.za.

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

### UMBUZO 2

ISICATSHULWA C esingezantsi simalunga nezinto ezenziwa ziimbaleki eziphumeleleyo ezinokufundwa ngoosomashishini.

Funda esi sicatshulwa silandelayo, wandule usishwankathele ucebise **ngeendlela zokonga imali kumfundi oseyunivesithi.** Shwankathela ngokwemo yokudwelisa iingongoma. Landela le miyalelo xa ushwankathela.

1. Chonga iingongoma eziphambili ezisi-7 ubude bungadluli kuma 60–70 amagama.
2. Zidwelise ngendlela ehambelanayo ngamazwi wakho ungawulahlanga umxholo.
3. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ezantsi kwesishwankathelo.
4. Upelo, iimpawu zobhalo nokusetyenziswa kolwimi maluchaneke.

### ISICATSHULWA C

**IINDLELA ZOKONGA IMALI NJENGOMFUNDI OSEYUNIVESITHI**

Ukonga kuyimpilo kwaye kufuneka uhlale uthe qwa kuba izinga lemali lehlile kwayona inqabile. Thenga izinto ezisetyenzisiweyo kuba leyo yindlela entle yokonga imali njengomfundi, kuba amaxabiso ahlala esezantsi kakhulu kunezinto ezintsha kraca. Yeka ukuthenga ukutya okuvuthiweyo ezivenkileni kuyabiza kakhulu ziphekele. Ziphephe iindibano zabahlobo ngakumbi ngeempelaveki kulapho kusetyenziswa khona imali kungacingwanga. Amakhadi ebhanki anomkhoka otsala nohenda lula abafundi ekuthengeni bengacinganga ngakumbi xa bethanda ukuzula edolophini. Zama ukungawasebenzisi amakhadi okuthenga ngetyala (*credit cards*) akufaka ematyaleni amakhulu ungaqondanga.

Kulungile ukuba umfundi onwabe eyunivesithi ngexesha lokonwaba kodwa makakhangele ukuzonwabisa simahla njengoko iintlobo ezininzi zokonwaba zixhaphakile zifumaneka kuso nasiphi na isixeko. Qasha okanye uthenge iincwadi zokufunda esele zisetyenzisiwe kunokuba uthenge ezintsha kraca. Ivenkile yeencwadi yaseyunivesithi ingakuncedisa ukufumana iincwadi esezikhe zasebenza, ukwazi nokunxibelelana nabathengisi bazo. Xa uthenga bonisa ikhadi lakho lokuba ungumfundi okanye uxwebhu lwesazisi ngelixa uthenga ukuze ufumane isaphulelo sepesenti encinci. Iivenkile zempahla, iivenkile zombane, iindawo zokutyela, kunye neenkampani zemidiya zonke zinesibonelelo ngezaphulelo kubafundi beyunivesithi apha eMzantsi Afrika.

Ndwendwela ithala leencwadi okanye iwebhusayithi yeyunivesithi yakho ujonge amaphepha eemviwo ezidlulileyo kunokuya kufota ngemali. Ndwendwela amaziko ezempilo akufutshane nawe uze xa kuyimfuneko uthenge amayeza afikelelekayo *Generic meds* zidla ngokungabizi kakhulu kunezo zaziwa kakhulu.

Endaweni yokuthenga rhoqo impahla yiya xa kukho isaphulelo okanye xa amaxabiso ethotyiwe, oko kwakwenza wonge kakhulu imali. Ukuthenga okokoko kuchitha imali kwaye kukuhambisa esithubeni ungaqondanga. Ungakwithamsanqa elikhulu lokonga imali xa uthe wenza oku kuchazwe ngentla.

[Sicatshulwe kuwww.studentachievementcentre.com saze saququlelwa esiXhoseni]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**



Hosted by www.ecexams.co.za.

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

### UMBUZO 3: ISIBHENGEZO-NTENGISO

### ISIBHENGEZO-NTENGISO

Funda esi sibhengezo-ntengiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA D

Bazali yiyani ngoku ikwixabiso eliphantsi R39,99




**Thenga *le Peanut Butter* ufumane simahla ipakethi ibenye yeepeanuts**




[Sithatyathwe kuwww.com saze sahlelwa]

3.1 Nika igama lenkampani ethengisa le *Peanut Butter*. (1)

3.2 Chaza nayiphi indlela abakhuthazwe ngayo abathengi ukuba bathenge le mveliso ikwesi sibhengezo. (1)

3.3 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo: Esi sibhengezo sijoliswe ...

A Kubantwana.
B Kumzali.
C Kubazali.
D Kumama. (1)

3.4 Chaza isizathu sokuba igama ‘uIntsha’ libhalwe ngqindilili. (2)

3.5 Lizisa luphi ulwazi igama ‘100% Natural’? (2)



Hosted by www.ecexams.co.za.

3.6 Chonga igama elenza abathengi bathathe inyathelo lokuya kuthenga le mveliso. (1)

3.7 Ngqina okanye uchase ukuba uphumelele umthengisi ukucenga abathengi ngesivakalisi esibhalwe ngqindilili kwisibhengezo ntengiso. (2)

**[10]**




Hosted by www.ecexams.co.za.

**UMBUZO 4: IKHATHUNI**

Funda le khathuni uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA E**




[Sithathwe kusmbc-comic.com waze wahlelwa]

4.1 Xela ukuba bazalana njani aba balinganiswa bakwisakhelo soku-1. (1)

4.2 Chaza isenzo sikaNancy esibonisa ukungabinambeko kule khathuni? (1)

4.3 Inika ngcinga ni le nkcaza ikwisakhelo sesi / 2? (2)

4.4 Bhala ngokuphelelyo eli gama 'utitsha' okwisakhelo sesi / 2. (2)

4.5 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Umxholo wale khathuni ungomba:

A ... wesizwe.
B ... wenkolo.
C ... wesikolo.
D ... wezemidlalo. (1)

4.6 Isixelela ntoni ngomama kaNancy into katitsha yokungagqibi ukuthetha kwisakhelo sesithathu? (1)

4.7 Ingaba ukuthwalwa kweqhiya nokombatha kwisakhelo / 2 nakwisakhelo / 3 kunento ekuyichazayo ngomama kaNancy. Xhasa impendulo yakho. (2)

**[10]**



Hosted by www.ecexams.co.za.

**UMBUZO 5**

**IPROZI**

5.1 Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA F**

**ULWAZI NGEKAMVA**

Abanye **abafundi bazazi** bebancinane ukuba bafuna ukuba phi nokuba baya njani kuzo. Ayingomfundi wonke oqinisekayo ngesicwangciso sokwakha ikamva. Abanye abafundi bakufika ekholejini benza izifundo abacinga ukuba bayazithanda ze emvakonyaka bazitshintshe baqale ezinye. Iingcali zithi bamalunga neepesenti ezi (*70–80%)* abafundi abenza njalo. Isikolo asiyondawo yokuqeqeshela ukufumana imfundo enomsila (ephakamileyo) nomsebenzi obhatala imali entle kuphela, sikwayindawo apho ufunda ukuzazi nangelizwe. Ukuba uza kuya ekholejini kubalulekile ukuba wenze izicwangciso kwangethuba.

Kufuneka wazi amandla akho, izinto onomdla kuzo; umzekelo: ezenzululwazi okanye ezoshishino. Yenza uphando ngesikolo eso onomdla kuso, ungabuza kubafundi abangaphambili kuwe. Eyona ndlela ilula ungajonga nakwiwebhusayithi yeso sikolo, emva koko usindwendwele uqiniseke ukuba yindawo oya kuyithanda.

[Sithathwe kwi-Intanethi saze sahlelwa]

5.1.1 Xela izigaba zentetho zala magama abhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi singezantsi.

Abanye **abafundi bazazi** besebancinane ukuba bafuna ukuba phi nokuba baye njani apho. (2)

5.1.2 Dibanisa ezi zivakalisi zibini ngokusebenzisa isihlanganisi esichanekileyo kwezi zikwizibiyeli.

Abanye abafundi bazazi besebancinane. ( xa / ukuba) Abafundi bafuna ukuya phi. (1)

5.1.3 Khetha uhlobo lwesimelabizo esisetyenzisiweyo kwesi sivakalisi singezantsi uze uxele nodidi lwaso.

Ayingomfundi wonke oqinisekayo ngesicwangciso sokwakha ikamva. (2)

5.1.4 Chonga igama elibhekiselele kwisakhi esibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi silandelayo.

Abafundi bakufika eKholejini benza izifundo abacinga ukuba **ba**yazithanda. (1)



Hosted by www.ecexams.co.za.

5.1.5 Bhala esi sivakalisi singezantsi ngendlela echanekileyo ngokwemigaqo yobhalo.

... ze emvakonyaka bazitshintshe baqale ezinye. (1)

5.1.6 Bhala esi sivakalisi silandelayo sibe kwimo evumayo.

Isikolo asiyondawo yokuqeqeshela ukufumana imfundo. (1)

5.1.7 Tshatisa uKHOLAM A kunye noKHOLAM B.

| KHOLAM A | | KHOLAM B | |
|---|---|---|---|
| A | Ifumaneka ngenxa yokuzimisela komfundi | (i) | Isiphumo |
| B | Imfundo enomsila | (ii) | Isixhobo |
| | | (iii) | Isizathu |

(2)

5.1.8 Bhala ngokutsha igama 'ukufunda' sibe sisibizo usisebenzise ngokuchanekileyo kwisivakalisi. (2)

5.1.9 Chonga isibizo esingenalo iceba kwesi sivakalisi silandelayo uze uchaze nesizathu soko.

Eyona ndlela ilula ungajonga nakwi webhusayithi yesikolo. (2)



Hosted by www.ecexams.co.za.

5.2 **UMFANEKISO**

Funda lo mfanekiso uze uphendule imibuzo esekwe kuwo**.**

**ISICATSHULWA G**




[Uthathwe kuwww.fulcrum.rock.com waze wahlelwa]

5.2.1 Bhala esi sivakalisi silandelayo sibe kwimo yesixando sokwenzana.

Abafundi bayafunda kakuhle. (2)

5.2.2 Bhala ngokutsha isivakalisi esilandelayo uqale ngesibizo esiyinjongosenzi.

Mfundi ikamva lakhiwa ngokufunda. (2)

5.2.3 Lungisa igama elikwizibiyeli kwesi sivakalisi silandelayo.

Bajonge (iphephana) abafundi. (2)
**[6]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**



Hosted by www.ecexams.co.za.